

Isipinatshi yimifuno enamagqabi. Amagqabi aso akhula ngaphezu komhlaba.

Ungasitya siphekiwe okanye sikrwada.

Isipinatshi silungele wonke umntu.

Imifuno isilungele sonke!



Ikhaphetshu lolunye udidi lwemifuno enamagqabi akhula ngaphezu komhlaba.

Ikhaphetshu lisilungele xa likrwada kwiisaladi naxa liphekiwe.


Izityebi nabahluphekileyo kufanele balitye ikhaphetshu ukuze babenemizimba esempilweni.



Iminqathe yimifuno eziingcambu. Ikhula ngaphantsi komhlaba.

Iminqathe inombala o-orenji. Yenza ukutya kwethu kube nombala.

Iminqathe igcina amehlo ethu esempilweni.



Eminye imifuno eziingcambu yibhitruthi. Inombala obomvumnyama.

Ibhitruthi idla ngokutyiwa iphekiwe, kodwa ungayitya nokuba ikrwada.

Ibhitruthi igcina iintliziyo zethu zisempilweni.



Amathanga nawo akhula ngaphezu komhlaba.


Sidla ngokulipheka ithanga. Linombala omthubi, oluhlaza, okanye o-orenji kwaye lineembewu ezininzi.

Ithanga lisinceda ngokugcina imizimba yethu isempilweni.



Iitumato zikhula etyholweni okanye kumdiliya. Zinombala oluhlaza xa zisakhulayo, zize zibe nombala obomvu oqaqambileyo xa zivuthiwe.

Ziba ngqukuva okanye zimile okweqanda. Zimnandi nokuba zityiwa zikrwada okanye ziphekiwe. Iitumato zikwaluncedo nasempilweni. Zingasetyenziselwa neenjongo zokunyanga.



Itapile inesiqu esingaphantsi ekuthiwa yityhubha.

Iitapile zimile ikakhulu okweqanda. Zinesikhumba esimdaka, zize zibe mhlophe ngaphakathi.

Iitapile kufuneka uzipheke phambi kokuba uzitye.



Itswele yimifuno eyingqakumba ekhula ngaphantsi komhlaba. Lidla ngokuba mhlophe ngaphakathi.

Itswele liyaphekwa kwaye ungalitya likrwada (liyimithanyana).

Lo mfuno usinceda ekukhuseleni imizimba yethu kwizifo.